URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Masivelane Jita
ICandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule
Masivelane. Jita @westerncape.gov.za | 021 467 2224

Inombolo yefayili: 3/3/3/2
Isalathiso: 20240726-5477

INgcaciso eMfutshane yoLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0009/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu

Isihloko: Iibhasari ze-Funza Lushaka ezifumaneka ngokwezithili zabafundi abaseNtshona Koloni ukulungiselela u-2025

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) linqwenela ukwazisa abafundi abazii-*interns* kwi-*Premier's Advancement of Youth (PAY)* kunye nabafundi abakwi matriki abavela kuzo zonke izikolo abanomdla wokulandela izifundo zokufumana amabanga emfundo avunyiweyo okuqeqeshelwa ukufundisa, ukuba ziyafumaneka ezi bhasari zingama-66 zeeme
2. ko ezizodwa ze-Funza Lushaka (*extraordinary* Funza Lushaka *bursaries*) ezisekelwe kwizithili ezilungiselelwe unyaka wokufunda u-2025.

3. Iskim sebhasari i-*Funza Lushaka Bursary Scheme* seSebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-*DBE*) sinika abafundi abapasa emagqabini ibhasari yokuhlawula ngokupheleleyo iifizi zokufunda, ezendawo yokuhlala nokutya, isibonelelo seencwadi zezifundo, eseenowuthsi neefizi zaselebhu (apho kufanelekileyo) kunye nesitayiphendi esiyimali yaqho ngenyanga yokuhlawulela iintwana-ntwana zokuphila eziyimfuneko.

4. Ibhasari i-*Funza Lushaka Bursary Scheme* yiprogram yeminyaka emininzi eyaqaliswa ngo-2007 ukukhuthaza umsebenzi wokufundisa kwizikolo zikarhulumente njengekhondo elinokukhethwa ngabemi baseMzantsi Afrika abanako nabazimiseleyo. Le program iqhutywa apha kule ngingqi, e-*University of Western Cape*, e-*Stellebosch University*, nase-*Cape Peninsula University of Technology*.

5. Ngo-2012, ISebe i-*DBE* laqalisa iprogram yokugaya abafundi eqhubekela kwizithili ethagetha abafundi abasuka kwiindawo zabahlwempuzekileyo (abafundi abakwizikolo ezingahlawulisi zifizi okanye abafundi abakuxolelweyo ukuhlawula iifizi) ukubanceda ukuba bafumane ibhasari i-Funza Lushaka *Bursary Scheme*. **Iibhasari ziya kunikwa kuphela abafundi abavumayo ukufundisa kwizikolo ezikwimimandla esemaphandleni, kuthathelwa ingqalelo iimfuno zezithili ezisemaphandleni kwiNtshona Koloni.**

6. Ukunikwa ibhasari yeFunza Lushaka kuxhomekeke kule miqathango ilandelayo:
   (a) Iprogram iya kuxhasa ngemali abo bafundi bafuna ukuba nobungcali kwezi zifundo zilandelayo:
      i) **I-*BEd*: kwiSigaba seSiseko, egxininisa kubungcali** kwiiLwimi (kwisiXhosa, kwisiSuthu, kwisi-Afrikansi), kwi-*Coding and Robotics*, kwi-*Braille*, kulwimi lwaBathetha ngeZandla lwaseMzantsi Afrika (*South African Sign Language* (*SASL*)), nakwiimfuno ze-*Neurodevelopmental.*
      ii) **I-*BEd*: KwiSigaba esiPhakathi, egxininisa kubungcali** kwiMathematika, kwi-*Natural Sciences* ne-*Technology,* kwi-Braille, kwi-*Coding and Robotics*, kwi-*SASL*, nakwiimfuno ze-Neurodevelopmental.
      iii) **I-*BEd*: kwiSigaba esiPhakamileyo nakwiSigaba se-Further Education and Training, egxininisa kubungcali** kwiMathematika, kwi-*Technical Mathematics* ne-*Science, i-Physical Sciences, i-Agricultural Sciences, i-Marine Sciences, i-Agricultural Technology, i-Civil Technology, i-Electrical Technology, i-Computer Applications Technology, i-Information Technology, i-Mechanical Technology, i-Engineering Graphics and Design, i-Maritime Economics, i-Coding ne-Robotics, i-Braille, i-SASL, nakwiimfuno ze-Neurodevelopmental.*

   (b) Ibhasari uyinikwa kunyaka omnye wokufunda ngexesha yaye, xa kukho ubungqina bokuphumelela kwizifundo, inokuhlaziywa kwakhona kunyaka ngamnye de lowo onikwe ibhasari aphumelele amabanga emfundo okuba ngutitshala oqeqeshiweyo. Kuya kufuneka onikwe ibhasari afake isicelo kwakhona ekupheleni kuka-Oktobha kunyaka ngamnye ukulungiselela unyaka olandelayo.

   (c) Akuyigqiba ikhosi yezifundo, umfundi onikwe ibhasari kuya kufuneka afundise kwisikolo, esikummandla osemaphandleni, ithuba lonyaka omnye ngonyaka ngamnye anikwe ibhasari ngawo.

7. Ngaphezulu, abenzi-sicelo abalindelekileyo kufuneka babe bazenzile izicelo zokwamkelwa kumaziko emfundo ephakamileyo (*Higher Education Institutions*) (ii-*HEI*) ahlukeneyo bethathela ingqalelo umhla wokuvala **onguLwesihlanu we-27 Septemba 2024** yaye mabazifezekise iimfuno ezingummiselo zokwamkelwa kula maziko azii-*HEI* ahlukeneyo achazwe kumhlathi 3 apha ngasentla. Yikomiti yokhetho kaNdlunkulu weSebe i*WCED*, eya kunika iingcebiso kwiSebe leMfundo likazwelonke ngokuvunywa kweebhasari ngokwezinto aqaqambe ngazo umenzi-sicelo (*on merit*), ngokusekelwe kwezi khrayitheriya zezifundo zizezona zisezantsi zilandelayo:

(a) Ukupasa iBakala 12 kwinqanaba lokwenza izifundo zesidanga sokuqala.
(b) Umenzi-sicelo makabe wenze isicelo sokwamkelwa kwiprogram yesidanga se-*BEd* esivunyiweyo ukuze abe nobungcali kwiinkalo ezimbini okanye ezingaphezulu zezifundo ezithathwa njengezibaluleke gqitha.
(c) Ukupasa uLwimi lweeNkobe ngo-60% okanye ngaphezulu, uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ngo-50% okanye ngaphezulu nezinye izifundo ezine ngo-50% ubuncinane.
(d) Abafundi abanqwenela ukugxininisa kubungcali kwiSigaba seSiseko, mabapase iMathematika okanye uLwazi lweMathematika (*Mathematical Literacy*) kwinqanaba leBakala 12; kunye
(e) Nabafundi abanqwenela ukugxininisa kubungcali ekufundiseni izifundo zobugcisa (*technical subjects*) zethekhinoloji, mababe bayipasile i-*Mathematics*/i-*Technical Mathematics* ne-*Physical Sciences*/ne-*Technical Sciences*.

8. Umhla wokuvalwa kokwenziwa kwezicelo **nguLwesihlanu we-27 Septemba 2024.** Abenzi-sicelo kufuneka benze isicelo ngokuthi bazalise ifom yokwenza isicelo besebenzisa le e-cubed linki ilandelayo equlunnqwe ngu DBE Additionally, please find the link below for the teacher recruitment screening form https://www.surveymonkey.com/r/funzalushaka baze bafake (*upload*) onke amaxwebhu ahamba kunye nesicelo eso.

9. Kufuneka kungeniswe la maxwebhu ahamba kunye nefom alandelayo:
   - Ikopi yesazisi eqinisekisiweyo;
   - Ikopi yesatifikethi seMatriki sikaZwelonke eqinisekisiweyo **OKANYE** iripoti kaJuni yeBakala 12
   - Izizathu ezichaza ukuba kutheni na ufuna ukuba ngutitshala;
   - Ubungqina bokwenza isicelo okanye bokwamkelwa kwiziko i-*HEI* eliseNtshona Koloni; kunye
   - Nengxelo efungelweyo (*affidavit)* okanye ubungqina bendawo yokuhlala.

10. Aba bantu balandelayo bangenza isicelo:
   - Abafundi beBakala 12
   - Ii-*interns* ze-*PAY*
   - Abangabemi baseMzantsi Afrika;
   - Ulutsha olungabemi boMzantsi Afrika olungaphangeliyo nolungaphantsi kweminyaka yobudala engama-30.
   - Abenzi-sicelo ababonakalisa izakhono zokufunda ezigqwesileyo; kunye
   - Nabenzi-sicelo abahlala eNtshona Koloni.

11. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abafundi abafunda kwibakala lebanga le 12, abazii-*interns* kwi-*PAY* kunye nabafundi kuzo zonke izikolo kwiPhondo leNtshona Koloni kuphela ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2024-08-01